# ULWABIWO MALI LUKA 2010

## Umkhombandlela woluntu

**Minyaka le ngeyoMduba (Februwari), uMphathiswa wezeMali ubhengeza ngendlela urhulumente azakusebenzisa ngayo imali, irhafu kunye nendlela urhulumente azakuboleka imali ngayo kwiminyaka emithathu ezayo. Le nto ibizwa ngokuba Lulwabiwo mali lukazwelonke. Icacisa ngendlela imali ezakwabiwa ngayo phakathi kwamanqanaba karhulumente ukusesela kuzwelonke, amaphondo ukuyakuthi xhaxhe ngoomasipala.**

# 2010 - Ke Nako!

Inyanga ka Juni sele isemnyango, yaye yimincili engathethekiyo kubemi beli abaxhabashele ukude basingathe omnye wemidlalo emikhulu elizweni jikelele. Indlela esithe sasingatha ngayo imidlalo ye Confederations Cup kunyaka ophelileyo ebeyimpumelelo engathethekilyo nayo yenza ukuba le mincili ithi kratya nangakumbi. Nanjengalizwe lokuqala apha eAfrika ukusingatha lo mnyhadala sinikezwe ithuba elihle lokuba sibonise ilizwe liphela ukuba sizimisele yaye sibambisana kangakanani na xa sisenza into.

Amalungiselelo aaqala ngo 2004 yaye sele kukho umahluko omkhulu kwiindlela, amabala okudlalela ibhola, nezakhiwo zeli. Kudalwe amathuba emisebenzi eyi 130 000 ekwakhiweni kwamabala ezemidlalo kuphela. Oku kwenze ukuba i R2 bhiliyoni iye ngqo kumakhaya ahlelelekileyo. Apha eMzantsi Afrika ngoku sinamabala alishumi akumgangatho ophakamileyo, nto leyo yenza ukuba sikwazi ukuqhubekeka sisingatha iminyadala emikhulu.

Urhulumente usebenzise iR33 bhiliyoni kumalungiselelo alendebe yebhola yaye abemi beli bayakuxhamla kwezi zinto sele yadlulayo lemidlalo. Incitho ibekwe esweni elingqingqwa ukwenzela ukuba kungabikho nesenti elahlekayo.

Imali engange R13 bhiliyoni ichithelwe ekuphuculeni ezothutho. Iidolophu ezinkulu zeli ngoku ziqalise indlela entsha ekhawulezayo yokuhamba ngebhasi (*Bus Rapid Transport System*). I R1.3 bhiliyoni iye kwezokhuseleko. Oku kuzakuncedisa amaPolisa ekuqinisekiseni ukuba sihlala sikhuselekile futhi le mali iyakwenza ukuba akwazi ukulwa ubundlobongela.



Ilizwe lethu lizakuxhamla nangakumbi kwezokhenketho kuba silindele amawaka-ngamawaka abakhenkethi abaphuma mbambo zone zehlabathi. Sinethemba ke ukuba uninzi lwabo luyakuphinda lusityelele.

Abahlali mabazibandakanye ekukhuseleni nasekuqinisekiseni ukuba izinto urhulumente azakhileyo zisetyenziswa kakuhlue yaye zisetyenziselwa ukuphucula izinga lezemidlalo. Le ndebe yebhola yehlabathi iyakuhlala kwimbali zeli naphakade.

Ke nako – sekulelo xesha ke!

# Kunokuxhamla abantu abaninzi kuqoqosho lweli

Ukususela ngo 1994, urhulumente wenze lukhulu ukuzama ukuphucula imeko edlakadlaka yoqoqosho eyenziwa ngurhulumente wocalucalulo. Uqoqosho lwethu ke lukhule ngakumbi ngo 2001 ntoleyo ebonakaliswe lizinga eliphezulu abathe abemi beli baxhamla ngalo kumathuba emisebenzi. Ngaphezulu, urhulumente uchithe imali eninzi esondeza iinkonzo ezifana nezindlu, ezemfundo, amanzi, ezothutho kunye ne nkam-nkam eluntwini.

Zininzi ke izinto urhulumente azenze ngempumelelo kodwa kunjalo basebaninzi abantu abangaphangeliyo, ingakumbi ulutsha. Xa umntu ephangela utsho akwazi ukuziphucula yena kunye nenzala yakhe. Alikho ilizwe elinokuphumelela xa abemi balo abaninzi bengaphangeli.

Ekupheleni kuka 2008, uqoqosho lweli luye lwama ngxi lwayeka ukukhula (recession). Njengokuba sisazi, le meko ayenziwanga sithi apha eMzantsi Afrika, iingcambu zikumazwe aphesheya.

Urhulumente ukhawuleze wathatha amanyathelo athile ukuzama ukukhawulelana nale meko. Manyathelo mani ke urhulumente awathathileyo? Urhulumente wonyuse imali yenkam-nkam yaye wadala amathuba amaninzi emisebenzi ka wonkewonke.

Ukuze sikwazi ukudala amathuba amaninzi emisebenzi, kufuneka uqoqosho lweli lukhule ngokukhawuleza yaye sizame ukwenza izinto ngendlela eyahlukileyo. Imisebenzi emininzi idalwa ngamashishini azimeleyo kodwa naye urhulumente angakwazi ukuncedisana nala mashishini ngokwenza kubelula ukushishina, ukuqesha abantu, nokwenza ingeniso. Kufuneka sisebenze ngokuphathisana, urhulumente, uluntu, oosomashishini, nemibutho yabasebenzi. Oku kuyakwenza ukuba sikwazi ukufumana izisombululo siyimbumba emanyeneyo yaye sakhe amathuba emisebenzi emininzi nangakumbi.

Indima ka rhulumente kukuphucula izinga lemfundo nenqeqesho, aqinisekise, uqoqosho luyakhula, aguqule imithetho eyenza kubenzima ukushishina yaye aphucule inkonzo zoluntu. Wonke ke ubani unendima anokuyidlala ekuqinisekiseni ukuba ilizwe lethu liyaphucuka yaye likhula ngokukhawuleza ukuze sikwazi ukudala ubutyebi esinokuxhamla kubo sonke.

# Indlela entsha nephucukileyo yokusebenza

Umongameli weli umnumzana uZuma wazise ngendlela entsha yokuphucula indlela asebenza ngayo urhulumente. Oku ukwazise ngethuba esenza intetho yakhe yokuvula iPalamente. Le ndlela intsha ke izakusetyenziwa kwiinkqubo zika rhulumente ezihamba phambili ezifana nezi – ezemfundo, ezempilo, ukuphuculwa kwelali, ukudala amathuba emisebenzi nakwicandelo lezindlu. Ezi zinto ke kusekelwe ukuba zibe ziyimpumelelo ngo 2014.

Kananjalo kuzanywa ukuqinisekisa ukuba wonke ubani unawo amanzi nombane. Urhulumente uzimisele ukufundisa uluntu izakhono ezifana nokulungisa umbane, ukwakha, ukulungisa iimoto nokuxhasa amashishini asakhulayo.

Nangona kukuninzi okwenziwe ngempumelelo ukususela ngo 1994, zikwaninzi indawo urhulumente asasilela khona. Landile inani labantwana abasezikolweni kodwa kunjalo izinga lemfundo lisephantsi kakhulu – abantwana abafunda ibanga lokuqala abakwazi ukufunda nokubhala kakuhle. Kwakhiwe iikliniki ezininzi kodwa basebaninzi oomama abasweleka bebeleka. Kungokunjalo ke nasemapoliseni – wona maninzi ngenani kodwa izinga lobundlobongela lisephezulu kakhulu.

Kwezemfundo bazi pesenti ezingama 36 kuphela abafundi abakwaziyo ukubhala nokufunda. Injongo ke kukwandisa elinani liye ku 60 pesenti ngo 2014. Kwezempilo iimveku eziyi 69 ewakeni ziyasweleka nyaka wonke. Urhulumente uceba ukulwehlisa elinani liyokuma ku 35 ngomnyaka ka 2014.


Abaphathiswa bamaxhaphetshu babonisana ngendlela ezakucacisa ukuba zizakwenziwa njani ezi zinto. Kwaye nabo abaphathiswa bazakubane zivumelwano abazakuzityikitya no Mongameli wesizwe le yindlela entsha urhulumente azakwenza ngayo izinto, yaye umphathiswa kwi ofisi ka Mongameli uzakuqinisekisa okuba konke oku kwenzeka ngexesha elibekiweyo. UMongameli uzakwenza izibophelelo nabaphathiswa bakhe.

Ukuphucula indlela ekwenziwa ngayo amalungiselelo nokuqinisekisa ukuba iinkqubo zika rhulumente ziyimpumelelo oko kuyakwenza ukuba uMzantsi Afrika ubeyimpumelelo. Wonke ubani unendima angayidlala ekuqinisekiseni ukuba urhulumente wenza oko akuthembise abantu.

Nantsi eminye imizekelo:

- Ukwehlisa izinga lokosulelana ngentsholongwane kagawulayo
- Ukwehlisa izinga lobundlobongela
- Ukuqinisekisa ukuba liyanda inani labafundi abapasa ezezibalo nezenzululwazi.

## Ezendlela nonxulumelwano (R bhiliyoni)




# Sizimisele ukwenza okuninzi

Ulwabiwo mali luka 2010 luyicacisa mhlophe indlela azimisele ngayo urhulumente ekwenzeni lukhulu ngemali enqongopheleyo. Kufunyenwe iR25.6 bhiliyoni kumasebe ka rhulumente ethe yongezwa kumacandelo afana ne zempilo nezemfundo. Oku kubeyimpumelelo ngenxa yemizamo ka rhulumente yokusebenzisa imali ngendlela eyiyo.

Abasebenzi baka rhulumente kufuneka bayisebenzise ngononophelo imali maxa onke. Kubalulekile ukuba ubuqhetseba obubalaseleyo kwimisebenzi ekhutshwa ngurhulumente (tenders) ivezwe elubala ze abo bafunyaniswe benetyala babanjwe.

Iqela likarhulumente elisekwe ngo 2009 elijongene nendlela esetyenziswa ngayo imali lizama nangakumbi ukufuna indlela yokuqinisekisa ukuba imali isetyenziswa ngononophelo. Kananjalo iqela labasebenzi abaphuma kumasebe ngamasebe karhulumente elilwa ukuqhetseba nobuqhophololo kwi (tenders) lithemba ukuba kungekudala abo babandanyekayo kobu bundlobongela baziswe ngaphambili.

Ukusebenzisa imali ngcono kukwathetha ukuthi kufanele kubekho imiqathango engqingqwa elawula ukubhatalwa koluntu. Ukubhatala abantu imali efanelekileyo kubalulekile kodwa kufanele ukuba kwenzeke ngendlela engasingeli phantsi ezinye inkqubo zikarhulumente. Esi simo sithe kroqo singaphucukanga senziwa ngabaphathi bamaziko karhulumente (state owned enterprises) angasebenzi nakakuhle sokufuna imivuzo ekwizinga eliphezulu kakhulu liyawuthuka umgaqo siseko wethu. Ilizwe lethu liyaphuphuma ngabantu abangaphangeliyo yilonto ke kufanele ukuba imali isetyenziwe ngendlela eyiyo.



# Amagqabantshintshi olwabiwo mali

### Olona tshintsho luphambili kolu lwabiwo mali, kuquka iminyaka emithathu:

- I R12.2 bhiliyoni yongezelelwe kwinkam-nkam yabantwana de babe na 18 yeminyaka
- I R2.7 bhiliyoni izakuncedisa ukunikezela ngeencwadi zokuphucula ukufunda nezibalo, iR1 bhiliyoni inikwe amaziko emfundo aphakamileyo
- I R15.1 bhiliyoni yeyesibonelelo esisodwa sotitshala kwizikolo nekholeji zikarhulumente, abasebenzi kwisebe lezempilo namadindala kwisebe lezoluleko
- I R2.2 bhiliyoni iya kwinkqubo entsha yemivuzo yabasebenzi bomkhosi weli
- I R8.4 bhiliyoni izakongezelwa ukulwa no gawulayo
- I R3.6 bhiliyoni iya kwilinge lokuphucula inkqubo zoshishino
- I R2.5 bhiliyoni yenkqubo yemisetyenzana karhulumente
- I R1 bhiliyoni kwezomthetho nobulungisa
- I R2.8 bhiliyoni yongezelelwe kwizithuthi zikawonke-wonke, iindlela, nobuxhakaxhaka obuhambisana nemizila yoololiwe
- I R2.5 bhiliyoni yongezelelwe kubuxhakaxhaka boomasipala, iR6.7 bhiliyoni yona iya komasipala ukukhawulelana nexabiso elonyukileyo leenkonzo zoluntu
- I R1 bhiliyoni yongezelwe ukuphucula iilali, elixa iR1.2 bhiliyoni yona iyeyobuxhakaxhaka bokuzisa amanzi neenkonzo zangasese kubemi basezilalini, iR1.5 bhiliyoni iya kwi bhanka yomhlaba ukuze ikwazi ukuxhasa ukuphuculwa kweelali
- I R0.5 bhiliyoni iya kubuxhakaxhaka bamanzi

### Inkam-nkam

| Rand | 2009/10 | 2010/11 |
|---|---|---|
| Eyabantu abadala | 1 010 | 1 080 |
| Eyabakhubazekileyo | 1 010 | 1 080 |
| Eyabantwana | 240 | 250 |
| Eyabakhulisa abantwana abangengabo ababo | 680 | 710 |
| Eyabagcina iimbhedlenge | 1 010 | 1 080 |
| Eyamagorha emfazwe | 1 030 | 1 100 |
| Abalinde isibonelelo esisigxina | 240 | 250 |

### Izicwangciso zerhafu ezicetywayo

- Abasebenzi bazakufumana umnyinyiva ongange R6.5 bhiliyoni kwirhafu abayihlawulayo
- Iyapheliswa irhafu ebibhatalwa nguwonke-wonke orholayo (standard tax on employees)
- Irhafu kwi petroli nedizili inyuka ngeesenti eziyi 25.5 ilitha ngomhla we 7 Epreli 2010
- Engxowa enezigarethi eziyi 20 inyuka nge R1.24
- Ixabiso le bhotile yewani eyi 750 ml inyuka ngeesenti eziyi 12
- Ixabiso le nkonxa yebhiya eyi 340 ml inyuka ngeesenti eziyi 6.5, kwakunye
- Ixabiso le bhotile yeblanti (spirits) eyi 750 ml inyuka nge R2.22